

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



IMAGAZINI YAKWAGRAIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI

Isityalo sombona esisempilweni njengesi sidinga isichumiso kumabanga asekuqaleni okukhula.
Ifoto: Jenny Mathews

Isichumiso sikamaleko ongaphezulu: UKUBAMBA IXESHA SISITSHIXO

NJENGOKO UQENGQELEKA UNYAKA UKUYA ESIPHELWENI ABALIMI MABAQINISEKE UKUBA KONKE KWENZIWE UKUZE KWANDISWE ISIVUNO SESITYALO KANGANGOKO. KUBALULEKILE UKULAWULA ISITYALO NGOKWESICWANGCISO SOKULIMA SASEKUQALENI – NGAKUMBI IINKQUBO ZOKUFAKA IZICHUMISO NEEKHEMIKHALI.

Ezi zicwangciso mazisoloko zivavanywa. Ukuba kukho iinguquko eziyimfuneko kwinkqubo, mazenziwe futhi eli lixesha lokwenza oko. Xa kuvavanywa inkqubo yokufakwa kwezichumiso kubalulekile ukuqonda ukuba kugalelwa kangakanani nokuthi isityalo siza kuzidinga nini izichumiso.

AMABANGA OKUKHULA

Ekulinyweni kombona kukho amabanga okukhula abalulekileyo afanele ukukhunjulwa.

- Ibanga lokuqala lelokuntshula ukuya kwiV5 (okanye kwibanga lesi-5 lamagqabi).
- Ibanga lesibini liqala kuV5 ukuya kuV9.
- Ukususela ku-V9 ukuya ekudubuleni kweentyatyambo.
- Ukususela ekudubuleni kweentyatyambo ukuya kwibanga lentlama eqinileyo.
- Ibanga lokugqibela lokukhula lelibonisa ukuvuthwa kwesityalo. Isivuno esinokuqikelelwa sisungulwa kwibanga leV5. Ukuba kukho nakuphi ukunqongophala kwezondlo okubonakalayo, eli lixesha lokukulungisa oko. Ukufakwa kwesichumiso ngokwezihlandlo zohlalutyo lwamagqabi kuya kunceda ekufumaniseni okufunekayo.

Isichumiso sikamaleko ongaphezulu...

Xa kutyalwa, bubalulekile ubukho bomxube ochanekileyo wezichumiso kuba uya kuba nefuthe kwisivuno. Isityalo sikhula ngokukhawuleza ngakumbi kwibanga elilandelayo apho kuhluma khona amagqabi amasha qho malunga nosuku lwesithathu. Ngokuqinisekileyo, siyanda isidingo sokufuma nesezondlo zezityalo kweli banga.

IXESHA LIKAMALEKO ONGAPHEZULU

Umbona

Ibanga leV6 ukuya kweleV8 labelwe umaleko ongaphezulu wenitrogen. Lonke unqongophalo lwezondlo lufanele ukukhutshelwa ngaphandle ngoku, ukuze – kungachaphazeleki kakubi ukufumaneka kwesivuno sasekugqibeleni esinokubakho – nesiqondakala kwibanga lamagqabi alishumi elinesibini.

Kwiziganeko ezithile kuya kuyiphucula ingqiqo ngokoqoqosho ukwandisa umaleko ongaphezulu. Xa kulindeleke imvula engaphezu kweyesiqhelo, kulungile ukufaka isichumiso esithe kratya. Ngonyaka wembalela umaleko ongaphezulu ungangungulwa kodwa khumbula ukuba isivuno siya kwetha. Zidibanise nomthengisi wakho wezichumiso ukuze akuncedise ngokwenza isigqibo.

Ojongilanga

Nakoojongilanga, isichumiso sinendima ebalulekileyo yokwandisa isivuno kangangoko. Kubalulekile ukufaka isichumiso esiyimfuneko ngexesha lokutyala. Ukufakwa kwenitrogen nepotassium ezongezelelwayo kunako ukuphucula isivuno. Isivuno esilindelekileyo kunye nezihlandlo zohlalutyo lwemihlaba yimibandela edingekayo ekufumaniseni isichumiso esongezelelwayo esifunekayo. Nangona isityalo sifunxa iikhilogram ezingephi ze-potassium nezephosphate, sidinga okuthe kratya kunoko. Ngoko ke, yinto efanelekileyo ukongeza ezinye izichumiso. Ixesha elichanekileyo lokufaka isichumiso esongezelelwayo kuxa ujongilanga ephakame kangangokufika edolweni singekabumbeki isigqibuthelo sikajongilanga.

Ujongilanga unobuntununtunu kakhulu xa kunqongophele iboron nemolybdenum kanti xa ezi ziqalelo zezondlo ezincinanana zingafakelwa njengezixhasi, unqongophalo lwazo luba nefuthe elikhulu kwizivuno. Kubalulekile ukuzifaka ezi ziqalelo ujongilanga engekafiki edolweni ngokuphakama.

Qaphela

- Xa kugalelwa isichumiso esongezelelwayo kwizityalo kubalulekile ukusifaka ngokuchanekileyo. Ukuba isichumiso sandlalwa ngesixhobo sokwandlala isichumiso okanye sifakwa ngomatshini osabusikofolo, qinisekisa ukuba loo matshini unemilinganiselo echanekileyo.
- Umqhubi ufanele ukugcina imimiselo eyimfuneko.
- Kukwabalulekile ukuqinisekisa ukuba umatshini owandlala isichumiso entsimini unesixa esibaliweyo sesichumiso esifunekayo. Ukuba kukho okungangqinelaniyo, oko makulungiswe ngononophelo.
- Xa izityalo zilinywa ngomgaqo wokulima wesiqhelo, kubalulekile ukuwahlakula amasimi. Apho umhlaba undindeneyo khona, uyafuneka umsebenzi ongephi wokuhlakula okufaka umoya emhlabeni. Ukuthintela ukonakala kweengcambu, oku kungenziwa nzulu futhi kuthi qelele noko kwisityalo. Esi senzo naso singakwazi ukutshabalalisa ukhula kodwa sinokuvuselela ukutshula kokhula olutsha.

UKUTSHABALALISA UKHULA NEZINAMBUZANE

Ukutshatyalaliswa kokhula nezinambuzane okanye izonakalisi zezityalo kubaluleke malunga nazo zonke izityalo. Izivuno zombona nezikajongilanga zincipha ngokugqithisileyo xa kukho ukhutshiswano lokhula kwibanga eliselula lezityalo. Kubalulekile ukufaka ikhemikhali yokhula echanekileyo xa kutyalwa.



Nangona isityalo sombona sikhumekeke ubukhulu becala kwindalo ukuze sikhule, eminye imibandela efana nokukhethwa kwemihlanganisela, izichumiso, ukunccekesha nokutshatyalaliswa kwezonalalisi zezityalo, inefuthe ekwandisweni kwesivuno kangangoko.



Kumabanga amva kubalulekile ukufaka ikhemikhali yokhula okwesibini ukuze izityalo zikhule ngaphandle kokhula. Xa kufakwa ikhemikhali yokhula okwesibini, kubalulekile ukufunda iileyibheli nokufaka ikhemikhali yokhula ngokweengcebiso. Qiniseka ukuba iintlobo ezahlukeneyo zeechemikhali zokhula ezifakwayo zinako ukutshizwa kunye. Abalimi mabaqiniseke ukuba kusetyenziswa imilomo echanekileyo yokufaka ikhemikhali zokhula. Zidibanise nomthengisi wakho weekhemikhali ukuqinisekisa ukuba isicwangciso sakho siyaphunyezwa.

Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba izitshizi zifakele imilinganiselo echanekileyo. Abalimi mabayithelekise indlela ezifakwe ngayo ikhemikhali nesisicwangciso semilinganiselo ebaliveyo kwintsimi nganye.

Xa zitshizwa izityalo, abalimi nabo mabakhangele ukuba akukho naziphi na izonakalisi zezityalo phakathi kwezityalo. Emasimini ombona, bubulumko ukufaka enye ikhemikhali yezonakalisi zezityalo ukulawula umbungu osabungqukuva kunye nemibungu yentlava egqobhoza izikhondo zombona xa kutyalwe umhlanganisela wesiqhelo okanye oweRoundup ready. Ukuba kutyalwe umhlanganisela weBT akuyomfuneko ukulawula umbungu osabungqukuva kunye nemibungu yempehla egqobhoza isikhondo sombona. Kwakhona khangela iintethe ezixhumaxhuma emagqabini ombona kunye neentwala zombona kuba zizondla ngencindi yezityalo zombona zize zisasaze izifo zamagqabi.

CONTROL OF LEAF DISEASES

Ukutshatyalaliswa kwezifo zamagqabi kubaluleke kakhulu emboneni. Yiba soloko ukhangela amachokoza amgwevu emagqabini, amachokoza anemilo yamehlo, irusi eqhelekileyo, umtshaza wasemantla emboneni nezinye izifo. Ezi zifo zamagqabi zinako ukunciphisa izivuno kakhulu. Sinokufikelela kuma 50% isivuno esinokulahleka ngenxa yezi zifo.

Koojongilanga kukwabaluleke kakhulu ukulawula imibungu esabungqukuva. Izityalo ziba nobuntununtunu kakhulu xa zisekumabanga asekuqaleni okubumbeka kweentloko. Uhlasele olwenzeka kweli banga lusenukhokelela kwiintloko ezineziphene zokubumbeka kunye nokumiliselela okungaphucukanga kwembewu. Maxa wambi iintloko azibumbeki kwaphela.

Emva kwebanga lokudubula kweentyatyambo izityalo azisekho ntununtunu kangako kwaye nomonakalo wokutyeka kweenkoko entloko sukuba sowucuthekile. Nangona imibungu esabungqukuva isenako ukuhlaselela amagqabi aphezulu, umonakalo awubi mbi kangako, ngaphandle kokuba uhlasele lube mandundu kakhulu.

Izifo zikajongilanga eziphambili yi *Sclerotinia sclerotiorum*, irusi, ukubola kweengcambu, amachokoza asemagqabini, ukubola okungwevu sabumnyama, amadyunguza amhlophe, ukubola kwentloko nokubola kwesikhondo. Qhagamshelana nabathengisi bakho beekhemikhali ukuze ufumane iingcebiso malunga neekhemikhali ofanele ukuzisebenzisa nangexesha elichanekileyo lokuyitshiza. ■



**PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMILEYO
KWEZOLIMO**



AMAZWI AVELA... kuJannie de Villiers

NDITHATHE UMHLALAPHANTSI NJENGE GOSA ELIYINTLOKO LESIQEBA ESILAWULAYO (CEO) YASEGRAIN SA EKUPHELENI KUKA-AGASTI KULO NYAKA. LO NGUMYALEZO WAM WOKUGQIBELA KUWO ONKE AMALUNGU ASEGRAIN SA KUNYE NABATHATHI-NXAXHEBA BENKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWABALIMI. EKUPHELENI KWETHUBA LOMSEBENZI WAM EBENDIWU-QUEQESHELWE, NDIYAKHAHLELA KUNI KWAYE KUNDINIKE INTOBEKO UKUBA YINXENYE YABAKHI BEEBLORHO ABAZINIKELE KANGAKO UKUZE KUFIKELELWE KUMZANTSI AFRIKA OMTSHA NOPHUCUKILEYO.

Xa ndijonga emva kwiminyaka engaphezulu kancinane kwelishumi njengeCEO yaseGrain SA, iNkqubo yoPhuhliso lwabaLimi ndiyibona ikhule kakhulu yade yafikelela kwinqanaba eliphezulu eliqhelekileyo lemveliso yenkqubo yophuhliso. lwabaLimi. Ukuze umntu azuze olu hlobo lwewonga nokubalulwa, ufanele asebenze nzima ngendlela enozinzo kwiqela labaphathi nabalimi ngokunjalo nenkolelo engagungqiyo yabaxhasi kwimigqaliselo nakwisakhono sabo bonke ababandakanyekayo.

Abalimi ngabo abasebenzisa iziqalelo zendalo ukuze bavune ukutya kwabo nokwesizwe. Niyithembe ngokwaneleyo iGrain SA nade nayivumela ukuba ifake imali yenu eniyisebenze nzima kwiakhawunti yethu ukuze sincedise ngeemveliso zamalungiselelo, ngoqeqesho nangeengcebiso. Ukusithemba kwenu kunyuse umgangatho wokuzinikela kwethu ekuncediseni ukuze kubekho inzondelelo naxa ubume obusingqongileyo buyichasa imizamo yethu. Iyandikathaza inyaniso yokuba asikwazanga kuphumelela kwixesha lam ukuvula umthombo woncedo lwemali wabalimi abatsha abamnyama ukuba babe ngabalimi abarhweba ngokuzimela. Nangona kunjalo, ndinethemba lokuba sesikufutshane empumelelweni.

Elokugqibela, iGrain SA yenze uthotho lwezigqibo zokutyhila kwelinye iphepha malunga nophuhliso lwabalimi kunyaka ophelileyo. Kubhaliswe iqumrhu elitsha iPhahama Grain Phakama njengesithunywa esizinikeleyo kwiinkqubo zeGrain SA. Kumenywe abaxhasi abatsha, kanti kutyunjwe umphathi omtsha, uGq Sandile Ngcamphalala. Ndiqinisekile ukuba ukudibana kolutsha namava kuya kwakha isiseko esomeleleyo solawulo ngokunjalo kuya kuncedeka abalimi abangaphezu kwesiqhelo ukuze badlulele kwinqanaba elilandelayo.

Kubo bonke abaquzeleli baseGrain SA abasentsimini, nindikuthazile! Ndiyabulela kakhulu, beningenzeli iGrain SA kuphela, kodwa nenzele nelizwe lethu kunye nabantu balo.

Ndingwenela ukunibulela nonke kuba nibonise ihlabathi ukuba abalimi beenkoko bayakwazi ukubambisana nokusebenzisana ukuze bondle futhi baphilise isizwe. Zeninceda niqhube ngokwenza njalo nakwixesha elizayo. ■

Dibana **noCEO omtsha** waseGrain SA

UGQ PIETER TALJAARD (43) UTHATHE IINTAMBO NGOMHLA WOKU-1 KUSEPTEMBER KUJANNIE DE VILLIERS, OBEKADE ENGUCO. NJENGOMLIMI WEXESHA ELINGAPHELELANGA, AKANGOMTHANDI WOLIMO KUPHELA, KODWA NGOKUNJALO UYAZIQONDA IZINTO EZIBANGELA UVUYO NGOLIMO, IZITHINTELO KUNYE NEMINGENI YALO.

Njengokuba enemfundo yePHD kwezoqoqosho lolimo ayifumene kwi-Yunivesithi yaseFree State (UFS), wenze iindima ezahlukeneyo zamawonga olawulo kwiminyaka embalwa edlulileyo. Ezi ndima ziquka isikhundla sokuba ngumlawuli wengeniso eyiyona iphezulu eMonsanto nesokuba ngumlawuli wemveliso eNWK. Phambi kokuqalisa eGrain SA ebengumlawuli kwesi sikhundla: Izityalo zeeNkoko eziNcinane nezoshishino eBayer.

Ubushushu bothando lolimo lusuka kwihlabathi lombona laseMntla Ntshona – kwifama ethe cebu bucala kwePotchefstroom apho uyise ebefama kwixesha elingaphelelanga. UPieter wenza isigqibo eselula ngobudala sokwenza ulimo umsebenzi wakhe aza kuwugqeshelwa. Ngaphandle komsebenzi awugqeshelweyo ubukhulu becala, ushishino ngembewu kwiminyaka embalwa edlulileyo, ubesoloko eqhuba umsebenzi wokufama kwixesha elingaphelelanga kwiminyaka eli-19 – umsebenzi wolonwabo olumnika uvuyo lwaphakade yena nosapho lwakhe.

Kudliwanondlebe noValerie Cilliers, umhleli weSA *Graan/Grain*, uthe okumchwayitisa kakhulu ngeGrain SA yinyaniso yokuba umlimi uthi

elilungu aphinde abe ngumxumi. 'Ngoko ke kubalulekile kumlimi ukuba eli qumrhu libe noncedo kwaye ligcine ilungelo lobukho balo'.

Uphinde wakhankanya ukuba uphuhliso lolimo luyinxenye enkulu yekamva loMzantsi Afrika nendlela ekuphela kwayo abalimi abarhwebayo abanokuqinisekisa ngayo ikamva laseMzantsi Afrika. Malunga noshishino lweenkoko, iGrain SA seyenze umsebenzi ongummangaliso njengoko iguqule ubomi babantu abaninzi nobuphuculwe ziiprojekthi. Nam ndinqwenela ukwakhela phezu kwalo msebenzi.

'Ukuze ukufama kube nenzuzo kunye nozinzo, kubalulekile ukubaqhubela phambili abalimi abasaphuhlayo, njengoko, ubukhulu becala, bejongene nemibandela yobume obusingqongileyo neyoqoqosho. Iimveliso zamalungiselelo zidinga ukuphuculwa futhi zibe luncedo kangangoko kanti ke ngenxa yoko, luyadingeka uthando olushushu lolimo. Kulula noko ukutyala imali kwinto oyithandayo. Ngumnqweno wam ukubona indima yeGrain SA isiya ngokwanda kuphuhliso lolimo.' ■



IQELA LABAHLELI LASEGRAIN SA

Isimemo sokutofwa ngevaksini

UMPHATHISWA WEZOLIMO, IMBUYEKEZO YOMHLABA NOPHUHLISO LWAMAPHANDLE, UNKSZ THOKO DIDIZA, UMEMA AMACANDELO EZOLIMO NAWOGUQUGUQULO LWEEMVELISO ZOLIMO UKUBA AMKELE ISITOFU. INKQUBO YOKUTOFA KWELI LIZWE INIKA ITHEMBA NOKO.

'Ndingwenela ukumema bonke abadlali-zindima kwicandelo lezolimo nelokuguquququlwa kweemveliso zolimo ukuba baqinisekise ukuba bayatofwa ngevaksini kuba oko kuya kuba nendima enkulu ekuqinisekiseni kokuqhuba kokulinywa kokutya kweli lizwe,' utshilo uMphathiswa uDidiza kwinkcazo yaseburhulumenteni.

Ukulwa neCOVID-19 ngundoqo kuLwaxhiwo loQoqosho ngokuTsha nakwisiCwangiso soVuselelo njengoko ekubhengezile oko umongameli uCyril Ramaphosa. Kubalulekile ukwandisa inani labantu abatofweyo, kuba oko kuya kuphucula amathuba okuqinisekisa uhlaziyo lwemisebenzi yoqoqosho nokuziphilisa kwabantu beli lizwe kuqhuba ngaphandle kokuphazamiseka okukhulu.

'Eli candelo libalulekile malunga nemisebenzi njengoko eli candelo liqhuba ngokugcina imisebenzi engaphezu kwengama-750 000 kwikota esesizikithini. Ngenxa yesakhono salo sokukhulisa uqoqosho nokudala amathuba emisebenzi, lichongwe njengelineyama lamacandelo

oqoqosho asentloko aza kuqhuba uvuselelo loqoqosho kweli lizwe, ngoko ke, kungako sonke kweli candelo sifanele ukutofwa ngokupheleleyo, ukuze siqhuba ngokudlala indima yethu ebalulekileyo,' utshilo uMphathiswa uDidiza.

Ubungqina benzululwazi buqinisekisa ukuba abantu abatofweyo banethuba elibhetele lokusinda kwiCOVID-19 kunabantu abangatofwanga. 'Ndikhuthaza bonke abantu abangatofwanga ngakumbi kwicandelo lethu ukuba batofe kuba izitofu zisikhusela ekuguleni okumandundu okubangelwa yiCOVID-19 kwaye kulondoloza ubomi babantu.'

UMphathiswa uqoshelise ngokubulela uShishino lweCitrus ngokwathatha indlela malunga nosungulo lokutofa kwicandelo labo nolukhokelele ekubeni iingcali zempilo kumacandelo karhulumente nawabucala ziqhuba umsebenzi wokutofa kwiindawo zengqesho nakwiifama nakwizakhiwo zokugcina impahla kulo lonke ilizwe. ■

Kuthe kuphela inyanga ka-Agasti zabe izitofu ezingaphezu kwezigidi ezilithoba sezisetyenzisiwe eMzantsi Afrika, kanti bebengaphezu kwezigidi ezine abantu asebehlatywe ngokupheleleyo (ngaphezu kwe 10% yenani labemi).

UKUKHUTSHWA KWEENDABA KUKHUTSHWE NGU-DALRRD, 20 EYETHUPA 2021

Landela la manyathelo xa uqesha umsebenzi omtsha



XA UQESHA ABASEBENZI ABATSHA, KUYIMFUNENKO UKULANDELA INKQUBO ECHANEKILEYO. LOO NKQUBO ILAWULWA NGEMITHETHO YASEMZANTSI AFRIKA YOLAWULO LWABASEBENZI. UKUBA AKULANDELI INKQUBO ECHANEKILEYO OKO KUNGANEENDLEKO KWISHISHINI LAKHO.

Xa uqesha umsebenzi omtsha, kukho amanyathelo ofanele ukuwalandela. Maze uncede uqaphele ukuba amanyathelo acetyiswayo awafuneki onke ngokomthetho. Amanye ngamanyathelo asebenziseka ekuncedeni ngothintelo lweengxabano zabasebenzi, ukukusindisa kwiindleko nasekuchazeni ulawulo olufanelekileyo.

AMANYATHELO ATHATHWA XA KUQESHA UMSEBENZI OMTSHA

1 Xa unokwenza isigqibo sokuqesha umsebenzi omtsha, nokuba wenzela isikhundla esitsha okanye ukuvala isithuba somsebenzi, ufanele ukuxhasa isigqibo sakho ngolwakhiwo lwamaqumrhu apho uchaza khona ukuba eso sikhundla singena ndawoni kwishishini lakho.

2 Okulandelayo kukuba uhlanganisele uhlalutyo ngomsebenzi olufanele ukuba nenkcazelo ngomsebenzi ngamnye kunye neemfuneko zomsebenzi lowo. Uhlalutyo lomsebenzi luxwebhu olubhaliweyo oluchaza okubandakanyeka kuloo msebenzi, kunye nolwazi olufunekayo, uqeqesho, izakhono zobuchule, amava, kunye nobugcisa obudingekayo ukuze umsebenzi ube nako ukwenziwa.

3 Inyathelo lakho elilandelayo liya kuba kukumema abazingeli bemisebenzi abanokuqesheka ukuba bazalise isikhundla esingenamsebenzi. Okuqhelekileyo kukuba eso saziso simeme abantu asebangaphakathi nabangaphandle. Isaziso singenziwa ngeendlela ezahlukeneyo naxa eyona ndlela ixhaphakileyo ikukufaka isaziso kwiphephandaba okanye kwimagazini. Kanti isaziso unokusixhoma nakwisango lefama yakho. Xa usenza isaziso qaphela uwisomthetho olungqaliswe kuthintelo localucalulo lwabasebenzi. Lo mba ulawulwa ngoMthetho weNombolo yama-55 wonyaka ka-1998: uMthetho wobuLungisa kwiNgqesho. Umzekelo, xa ufuna ukuqesha kwisithuba somqhubi wetrektara, akufanelekanga ukuba umeme izicelo zomsebenzi zamadoda kuphela kuba nabantu ababhinqileyo banako ukuqhuba iitrektara.

4 Cela abazingeli bemisebenzi abanokuqesheka ukuba bazalise ifomu efanelekileyo yezicelo zemisebenzi okanye okungenani bathumele iCurriculum Vitae (CV) eyiyona isandul' ukuhlaziywa. Oku kuya kukunceda ekufumaneni uludwe olufutshane lwabantu abathathu ukuya kwabahlanu onqwenela ukuba nodliwanondlebe nabo wena ngokwakho. Apha kulapho uhlalutyo lomsebenzi luxwebhu olunyanzeleke ukuba lusetyenziswe khona. Ukuba enye imfuneko yimvume esebenzayo yokuqhuba, ufanele ubakhuphele ngaphandle bonke abafaki bezicelo abangenamvume yokuqhuba.

5 Misela amathuba odliwanondlebe ngemihla nangamaxesha athile ngomfakisicelo ngamnye okuludwe olufutshane. Qinisekisa ukuba usebenzisa isakhiwo sabucala apho ningasayi kuphazanyiswa khona. Icebiso eliyinto enokwenzeka: Gcina ingxelo yemibuzo ebuzwe umfakisicelo ngamnye kunye neempendulo zakhe ngethuba lodliwanondlebe. Ngosuku lodliwanondlebe abafakizicelo abakuludwe olufutshane mababe neekopi eziqinisekisiweyo zemfundo yabo kunye namanye amaxwebhu anokufunwa nguwe. Ubukho bencwadana yesazisi yaseMzantsi Afrika yimfuneko elinyanzelo ngawo onke amaxesha okanye ingabantu basemzini mabaphathe iimvume ezisebenzayo zokusebenza.

Ngethuba lodliwanondlebe ungavavanya isakhono sobuchule somsebenzi esifana nesomqhubi wetrektara. Umqhubi makakhe aqhube itrektara – ukuba uyakwazi ukuqhuba ngokubuya umva xa emva kukho inqwelo yokulayisha etsalwayo enamavili amane, lowo uyakwazi ukuqhuba itrektara.

6 Qiniseka ukuba indlela okhetha ngayo isekwe kuhlalutyo lomsebenzi (kwinkcazelo ngomsebenzi, iimfuneko zomsebenzi), iifomu zokufaka izicelo kunye/okanye iCV, iinkcukacha ezinikelwa kudliwanondlebe, iimvavanyo ezinokwenziwa kunye neengxelo ngabafakizicelo oye wazilandela. Zama ukunika amanqaku (umzekelo ukususela ku-1 ukuya kwi-10) malunga nemiba eyahlukeneyo. Oku kukunika lula isizathu sokuba ukhethe umfakisicelo othile.

Khumbula ukuba abafakizicelo abangaphumelelanga basenokumphikisa umqeshi kwimpikiswano eyenziwa ngokusebenzisa iCCMA. Ukuba kuyenzeka, kucetyiswa ukuba ukhethe umvavanywa wokuqala nowesibini xa kunokwenzeka ukuba umvavanywa wokuqala angalamkeli elo wonga.

7 Okokugqibela kukunikela ngolwamkelo kumfakisicelo okhethiweyo aze anikwe nekhontrakthi yenkonzo kananjalo kufanele ukugcinwa efayilini konke ukususela ekuqaleni malunga nefayili yeenkcukacha zobuqu bomsebenzi.

Kufanele kubekho isizathu esivakalayo sesithuba sengqesho ngokulwakhiwo lwezikhundla zequmrhu lakho. Ngumngcipheko omkhulu ukuqesha umntu othathwe nje esitratweni. Xa kunokubakho ingxabano, kuya kuba nzima ngakumbi ukufumana nabuphi ubungqina obufunekayo xa kungekho mkhondo ufanelekileyo obhaliweyo. Ukufama namhla kulishishini ngoko ke, nawe ufanele ukukuqhuba njengeshishini. ■



MARIUS GREYLING, UMCEBISI OZIMELEYO NGOLAWULO KWEZOLIMO

Ukukhusela izityalo zakho ngeengqikelelo zekamva

ELI NOAKU LIZA KUJOLISA KUKHUSELO KWILAHLEKO NGEENGQIKELELO ZEKAMVA. UKHUSELO KWI-LAHLEKO SISICWANGCISO-CEBO SOKUTHENGISA ESENZIWA NGEENGQIKELELO OKANYE NGEMIBA ENOKUKHETHWA. ABANTU ABAFUNA UKUNCIPHISA UMNGCIPHEKO WABO WOKUTSHINTSHA KWAMAXABISO MABAZIKHUSELE KWILAHLEKO, OKU KUQUKA ABALIMI NABASEBENZISI BEEMVELISO.

Ukhuselo kwilahleko sisixhobo esisetyenziselwa ukunciphisa okanye ukuphelisa umngcipheko wamaxabiso. Ikhontrakthi yeengqikelelo zexesha elizayo iqhuba ngokorhwebo lweSafex ukwenzela ukusiwa kweenkoko ngomhla woqikelelo kwixesha elizayo. Ikhontrakthi ixela imveliso eza kunikelwa kunye nemimiselo nemiqathango yokuyinikela.

INGABA NDIFANELE UKUZIKHUSELA?

Phambi kokuzikhusela, mibini imibuzo ekufuneka ndiyiphendule:

- Okokuqala, kukhethwa **isixhobo esisisiseko**. Ukuba inkcazo emfutshane ngenzuzo nangelahleko yesixhobo esisisiseko ifana ncam okanye ichasene ngokuqinisekileyo nemveliso, ngokuqinisekileyo kuba lula ukukhetha. Ukuba akunjalo, umkhuseli makazingele isixhobo esisisiseko, inkcazo emfutshane ngenzuzo nangelahleko eyiyona isondele kuleyo yesixhobo esikhusekweyo.
- Okwesibini, **kukhethwa ikhontrakthi**. Abalimi mabayikhethe inyanga yekhontrakthi besavuna okanye msinyane emva kokuvuna. Umzekelo, abalimi baseFree State abavuna inkoliso yombona wabo ngoJuni/Julayi mabasebenzise inyanga kaJulayi njengenyanga yabo yokuzikhusela kwilahleko.

Itheyibhile 1 ibonisa umzekelo womlimi waseMntla Ntshona okhathazwa

kukuba amaxabiso ombona otyheli angasuka ehle ngexesha lokuvuna ngoko ke, ufuna ukuzikhusela kuloo mngcipheko wamaxabiso.

- Ulima i-1500 yeehektare zombona otyheli, aze alindele isivuno seetoni ezi-5,5 ngehektare nganye.
- Iindleko ezibangelwa ngumahluko ngokwendawo nezothutho zifikelela kuma-R280 ngetoni, ukuze iindleko zorhwebo nezesatifiketi sesisele zibe yi-R4 ngetoni kanti intlawulo yokurhweba kwiJSE yi-R17,64 ngekhontrakthi (R0,17 ngetoni). Ulindele ukuvuna ngoJuni.

Masithi umlimi uthatha ikhontrakthi yeengqikelelo ngoJanyuwari ngorhwebo lwangoJulayi lombona otyheli nge-R2 100 ngetoni. Ukuze umlimi afumanise isixa sombona anokuzikhusela ngaso, eyona nto ibalulekileyo anokuyenza kukufumanisa ipesenti yesivuno sakhe esilindelekileyo ngokwenqanaba lamaxabiso athile afunekayo ukuze kuhlantatyazwe iindleko zezityalo.

IINZUZO NEENTSILELO

Izinto eziluncedo ngokuzikhusela ziquka oku:

- Akukho mngcipheko ozenzekelayo.
- Isiseko asinakuba buthathaka ngaphezu kukamahluko obangelwa yindawo.
- Ixabiso laziwa kwangaphambili.
- Ngaphandle kokuba kutshintsha isiseko kwaye oko kunceda ngocwangciselelo nangohlomali.

Izinto ezingeloncedo ngokuzikhusela ziquka oku:

- Imida ehlawulekayo.
- Iindleko zothutho ezongezelekileyo ezifuneka ngenxa yokusetyenziswa kwemali.
- Iindleko zokusebenzisa imali.
- Amaxabiso angenazinzo.



Let's Talk ...



@Bayer4Crops
@DEKALBSA

Bayer (Pty) Ltd. Reg. No. 1968/011192/07
27 Wrench Road, Isando, 1601.

PO Box 143, Isando, 1600. Tel: +27 11 921 5002

The registration owner of DEKALB® is Bayer AG, Germany.

www.cropscience.bayer.co.za // www.bayer.co.za

Every kernel counts!

One seed ... One hole ...

Each one of our DEKALB® maize seeds is backed by cutting-edge technology and years of research and development to ensure that you get the most out of every kernel.

1 Umzekelo wokuzikhusela komlimi.

a) Ngenyanga kaJulayi umbona otyheli uburhweba nge-R3 300 ngetoni. Okokuqala, siqwalasela imeko yabalimi yenzuzo neyelahleko. Umlimi unemigaqo emibini yokusebenza ngemeko yakhe yekhontrakthi. Unako mhlawumbi ukurhoxisa imeko yakhe yekhontrakthi yeengqikelelo ngokuthatha imeko yekhontrakthi yobuchule bokusebenzisa imali aze athengise umbona otyheli ngexabiso elingaquki elesisele kwingingqi yakhe okanye anikele kwimeko yekhontrakthi yeentengiso ezenziwa ngokweengqikelelo.

	Ukunikela kwiSafex ngetoni	Ukuthengisa ngexabiso elingaquki elesisele/ngetoni
Umda ekuqaliswa ngawo ngoJanyuwari	-R100	-R100
Intlawulo yomrhwebi	-R4	-R4
Intlawulo yokurhweba kwiJSE	-R0,17	-R0,17
Inyanga efakelweyo ekuqaliswa ngawo umda-ukunikelwa	-R50	-R50
Umda ekuqaliswa ngawo ngoJulayi	R150	R150
lindleko zesatifikethi zesisele	-R4	-
Intlawulo yomrhwebi	-R4	-R4
Intlawulo yokunikelwa kwiJSE	-R4	-
Intlawulo yokurhweba kwiJSE	-	-R0,17
Umda wolwahlukaniso	-R800	-R800
Okufunyenwe kwiJSE (R3 300 - R280)	R3 020	-
Ukuthengisa ngexabiso elingaquki elesisele eLichtenburg	-	R3 020
Imeko yenzuzo/yelahleko	R2 204	R2 212

b) Ixabiso lekhontrakthi lombona otyheli lirhweba nge-R1 500 ngetoni ngoJulayi.

	Ukunikela kwiSafex ngetoni	Ukuthengisa ngexabiso elingaquki elesisele/ngetoni
Umda ekuqaliswa ngawo ngoJanyuwari	-R100	-R100
Intlawulo yomrhwebi	-R4	-R4
Intlawulo yokurhweba kwiJSE	-R0,17	-R0,17
Intlawulo efakelweyo ekuqaliswa ngawo umda-ukunikelwa	-R50	-R50
Umda ekuqaliswa ngawo ngoJulayi	R150	R150
lindleko zesatifikethi zesisele	-R4	-
Intlawulo yomrhwebi	-R4	-R4
Intlawulo yokunikelwa kwiJSE	-R4	-
Intlawulo yokurhweba kwiJSE	-	-R0,17
Umda wolwahlukaniso	R1 000	R1 000
Okufunyenwe kwiJSE (R1 500 - R280)	R1 220	-
Ukuthengisa ngexabiso elingaquki elesisele eLichtenburg	-	R1 220
Imeko yenzuzo/yelahleko	R2 204	R2 212

Umzekelo uthathwe kuJM Geyser, 2013

**IKAGENG MALULEKE,
INGCALI YOQOQOSHO
KWEZOLIMO EGRAIN SA**



Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8285
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebe
■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO INFOWORKS MEDIA PUBLISHING

Umhleli ongumncedisi - Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi - Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi - Elizma Myburgh, Joritha Hechter



INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHULISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthomboti
Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht
KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier
EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebe
ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen
North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlangane

Cwayita Mpotyi
Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

Inkqubo eguqula ubomi babantu



Farmer Development Programme

Ingxelo

Bhiyozela isivuno

EZI ziifoto zabalimi nombona wabo abawuvune ngoJulayi nangoAgasti. Abalimi abaninzi bafumene izivuno ezingaphezu kwezisiqhelo. Iqela laseGrain SA lisebenzise iingxaki ebezikhona njengethuba lokufundisa isifundo esixabisekileyo, esifana nokubaluleka kokuthshalalisa ukhula, indlela yokuqhuba uhlolo lwamasi-mi neyokuzingela intlava egqobhoza isikhondo kunye nokubaluleka kokuthathwa kweesampulu zomhlaba.



Amacebiso NGOMHLABA WASEKHAYA

ELINYE lamaqonga eentlanganiso asetyenziswa yiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi ngamathuba otyelelo kwiifama. Iqela lihamba umgama wamawaka eekhilomitha ngonyaka ngamnye ukuze lityelele iifama kaninzi kangangoko kunokwenzeka. Nangona kukho lo bhuhane wehlabathi, **kwenziwe amathuba angama-78 otyelelo kwiifama** kweli lizwe kwinyanga ka-Agasti apho iqela labacebisi belliphuma kwizithuthi zalo lingene emasimini. Nantsi eminye imisebenzi ebisenziwa kumathuba otyelelo kwiifama ngoAgasti.

ULuvuyo Mbutho ucetyiswa ngu-Neil Kirk omenzele isixhasi sesixhobo sokubhola ukuze izixhobo zokubhola ezibini obona buncinane zithululele emadamini ezityalo eziziinkozo ukuya kwizigadla. Oku kubonisa indlela abazinikele ngayo abacebisi kwimisebenzi yokufama yabo babacebisayo.



Enye intlanganiso yokwenza ucwangcisele ebanjelwe kwisigqubuthelo sesithuthi – utyelelo lwefama kaPaul Motlokoa ukuze kuxoxwe ngokuqukuqeliswa kwa-manzi eminatheni.

USimon Mazwi uqokelela iisampulu zomhlaba ngethuba lotyelelo lukaDu Toit van der Westhuizen.



UJohan Nel nomlimi uSopazi Lunyaweni wakwingingqi yaseMaclear baxoxa ngexesha elizayo lokulima.



Umcebisi uNeil uqwalasela isiqulatho sokufuma sefama yombona kaSabasaba entsimini phambi kokuvuna.